

# PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



GRAIN SA  
GRAAN SA

EYOMDUMBA  
2015

## Isishwankathelo esifutshane ngamaxabiso ombona eli lizwe



**N**gokubanzi ukulima lishishini elingenukuqinisekiswa/elinemingcipheko. Abalimi bajongana nemiceli-mingeni eliqela, ukususela kwiimveliso zamalungiselelo, imozulu kunye nezivuno zezityalo, ukuya ekuvuneni nasekuthengiseni imveliso ngamaxabiso amkelekileyo. UMzantsi Afrika uthengisa iimveliso eziliqela kodwa eli nqaku liza kungqala emboneni, ngakumbi kwimiba esisiseko engqonge ukuguquguquka kwexabiso lombona. Esi sihloko sesitsale umdla wabaninzi kutshanje, ngakumbi emva kokuba amaxabiso efikelele kumqanaba aphezulu phakathi kukaNovemba 2013 noFebruwari 2014.

Iliqela imiba enefuthe kwiinguqu-inguquko zamaxabiso ombona, kodwa imiba ephambili ziimeko zalapha zemozulu, intengiso nentengo, amanqanaba otshintshiselwano (oko kukuthi, ixabiso leRandi yaseMzantsi Afrika xa lithelekiswa neDollar yaseMelika), kunye namaxabiso eBhodi yoRhwebo yaseChicago (*Chicago Board of Trade – CBOT*). Ngokubanzi, le miba yiyo eqhuba amaxabiso ombona kwimihla ngemihla. Nangona kunjalo, ifuthe layo alisoloko lifana. Nangu umzekelo wesehlo esenzekileyo; phakathi kukaOkthobha noFebruwari ngonyaka ngamnye, iinguquko zamaxabiso ombona akweli ubukhulu becala achatshazelwa ziimeko zemozulu yalapha.

Imagazini yakwaGrain SA  
yophuhliso lwabavelisi

Bala Moteng:

- 04 | Imimandla yokuthengiswa kombona – umba ocela umngeni kwiingcaphephe nakubalimi
- 07 | Ilizwi elilodwa lombulelo kwiGrain SA
- 08 | Ulawulo lwemingcipheko kwifama yakho





## UMAKHULU UJANE UTHI...

**“**ngulowo nalowo kuthi makasebenzele ukuziphucula ngaxeshanye athwalisane nabanye ngoxanduva olubanzi malunga nabo bonke abantu”. Marie Curie

Esi siscatshulwa sale Pula Imvula – ingaba akumangalisi oku xa sicinga ngokufama nangophuhliso lwamafama? Khumbula ukuba njengoko ingulowo nalowo kuthi esebenzela ukuziphucula (ngokuphathelele kwimisebenzi yokufama), ngaxeshanye sithwala uxanduva ‘malunga nabo bonke abantu’ kuba kaloku ngamafama awondla ‘bonke abantu’. Indlela esisikeleleke ngayo thina sonke balimi kuba senza umahluko ebomini babantu ehlabathini liphelele. Akwaba besingenakuyilibala into yokuba abalimi bondla banxibise ‘bonke abantu’.

Inyanga kaFebruwari ikholisa ukungaxakekisi kwifama ekulinywa kuyo iinkozo okanye imbewu yeoyile njengoko kungekho nto ingako enokwenziwa kwisityalo ngaphandle nje kokulinda ukuba imbewu iphuhle ngokunjalo ivuthwe. Nangona kunjalo, oko akunjalo kwiifama zezityalo zesiriyeli zasebusika apho abalimi benza khona amalungiselelo esityalo esilandelayo. Kwabo basaphumlileyo nabalindele ukuba isityalo sivuthwe, eli lixesha elihle lokuqwalasela amasimi ngenjongo yokubona ukuba yintoni oyenze kakuhle, nenye into mhlawumbi obona ukuba kufuneka uyenze bhetele kunyaka ozayo. Amanani ezityalo ebemanzini kangakanani, ingaba ikhona nayiphi imiqondiso ebonakalayo yonqongophalo lwezondlo, loluphi ukhula olukhoyo kwaye ujonge ukuba uza kulutshabalalisa njani?

Malunga nezityalo zasehlotyeni, intengiso nentengo zinefuthe elikhulu kwixabiso olifumanayo ngeenozo zakho – xa isityalo sisininzi, kulindeleka ukuba liza kwehla ixabiso. Ngoko ke, kubalulekile ukufumana icebiso elilungileyo emntwini onokumthamba malunga nokuthengiswa kweenkoko zakho – yinto efanelekileyo ukukhontraktha ezinye zeenkoko zakho ukuze xa linokwehla kakhulu ixabiso ungangeni kwiindleko zokugcina iinkozo zakho. Khumbula ukusoloko ufumana umntu onokumthamba – asinguye wonke umntu ongumhlobo wakho!

I-Grain SA iza kuhlala iintlanganisano zezithili kule nyanga – ukuba unako, nceda yiya kwezo ntlanganisano njengoko uya kufumana ulwazi olubalulekileyo, kanti usenokukhethwa njengomnye wabathunywa abaya kuya kwinkomfa yeGrain SA ebanjwa eBothaville kwiveki yokuqala kaMatshi ngonyaka ngamnye.

Ndiyathemba nifumene iimvula ezincomekayo kwaye nikwalungiselela isivuno esihle. 🌱

## Isishwankathelo esifutshane ngamaxabiso ombona eli lizwe

Inkcazo engasentla ithetha ukuba ekuqaleni konyaka ka-2014 amaxabiso ombona aseMzantsi Afrika ebekawona manqaba aphezulu ngenxa yothakazelelo olwandileyo lokuthenga emazweni afana neMexico, iZimbabwe, iTaiwan neJapan. Ngaphaya koko, bekukho uthakazelelo obelungalindelekanga lwaseZimbabwe, olwenze ukuba uMzantsi Afrika uthengisele iZimbabwe malunga neetoni eziyi-240 000. Kubalulekile ukuqaphela ukuba, ngelo xesha iimeko zezulu bezilindeleke ukuba ngumqhubi ongundoqo wamaxabiso ombona, kodwa zacinezela luthakazelelo lokuthenga obelungalindelekanga nakukutya okungephi obekugciniwe bexesha lokulima elidlulileyo.

Nangona kunjalo, malunga noMeyi 2014, amaxabiso ombona ehla ade afikelela kwawona asezantsi ngenxa yoxinzelelo obelwandile lwesivuno. Ngaphaya koko, unyaka wentengiso ka-2014/15 ubunesityalo esininzi, esinokuqikelelwa kwiitoni zezigidi eziyi-14,3, meko leyo esuke yanoxinzelelo kumaxabiso ombona. Ngokunjalo, uMzantsi Afrika uphinde wanamava emfundo enciphileyo kwimimandla yesiqhelo yentengiso yangaphandle, yiloo nto amaxabiso ombona athe ehla. Masithembe ukuba imiba echazwe ngokufutshane iyikhanyisile imeko yeenguqu-nguquko ezikwiindawo zentengiso yombona.

Xa kujongwe phambili ku-2015, iKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo ilindele ukuba iindawo ekulinywa kuzo umbona zaseMzantsi Afrika ziphelele zinciphe kancinane nge 3,3% kunyaka-nonyaka, ukuya kwihlektare ezizigidi eziyi-2,6. Ngaphaya koko, kuNovemba 2014, iimeko zezulu bezintle ngokubanzi kulo lonke eli. Ukuba ezi meko zintle zezulu ziyaqhuba, ilizwe lisenkuba nethuba elincomekayo lokufumana

*Abalimi bayakhuthazwa ukuba basoloko beqhagamshelana neqela leNkonzo yoShishino laseGrain SA ngamacebiso malunga neemeko zokuthengisa xa ixesha lokulima liqalisa.*

“

isivuno esihle. Nangona kunjalo, kubalulekile ukuqaphela ukuba kwiPhondo laseMpumalanga, isityalo sombona siya kuba semva kwexesha ngenxa yokulima obekubambezelekile ngenxa yezulu ebibalele phaya kuOkthobha ngo-2014. Masithi ke iimeko zihlala zintle ngolu hlobo, amaxabiso ombona aseMzantsi Afrika alindeleke ukuba ahlale kula manqanaba aphantsi, kanti kuya kubakho noxinzelelo olongezelekileyo ngenxa yamaxabiso aphantsi kwiCBOT kwiingxelo zaseMelika ngesi sityalo.

Elokuphetha, abalimi bayakhuthazwa ukuba basoloko beqhagamshelana neqela leNkonzo yoShishino laseGrain SA ngamacebiso malunga neemeko zokuthengisa xa ixesha lokulima liqalisa. Inkonzo yoShishino yaseGrain SA iphinda ithumele abalimi iiSMS ibabonise iinguqu-nguquko zamaxabiso emihla ngemihla eenkoko nawembewu yeoyile, ngokunjalo neengxelo zeentengiso zakusasa nezasemva kwemini. 🌱

**Inqaku linikelwe nguWandile Sihlobo, iNgcali yaseGrain SA kwezoQoqosho. Ngolwazi oluthe vetshe thumela i-imeyili apha: [wandile.sihlobo@grainsa.co.za](mailto:wandile.sihlobo@grainsa.co.za).**





# Imichiza yokutshabalalisa ukhula emva kokuhluma emboneni

**K**winqaku elidlulileyo kuxoxwe ngemithetho-siseko ngokubanzi malunga nenkqubo yolawulo olumanyanisiweyo lokutshatyalalisa kwezidalwa ezonakalisa izityalo ngokuphathelele kwiindlela zokulima ezahluka-hlukeneyo eziquka imigaqo yokuhlakula okupheleleyo nokuhlakula kancinane okanye ukuhlakula ngolondolozo.

Ukutshabalalisa ukhula emva kokuhluma kwenzeka emva kokuntshula kwesityalo ngokunjalo sesihlumile kumandlalo wezithole. Inkqubo yokutshabalalisa ukhula emva kokuhluma mayicwangciselwe liselihle kangangoko ithuba phambi kwexesha lokulima ukuze elo thuba libe yinxenye yenkqubo yokutshabalalisa ukhula iphelele. Imigaqo enokusetyenziswa inokuquka ukulima ngoomatshini phakathi kwemiqolo ngokunjalo nemichiza efakwa ngokwemiqolo okanye ukutshiza ngokupheleleyo kuzo zonke izityalo nemiqolo.

Indlela eyiyeyona ifanelekileyo oza kuyiketha emsebenzini wakho iphinda yenziwe nzima kukulinywa kwemihlanganisela yombona ekwaziyo ukumelana nemichiza etshabalalisa ukhula nezinzambuzane neneziziqalelo zemfuza ezixwesisiweyo okanye imihlanganisela yesiqhelelo ekhethiweyo eyindalo. Ukwenziwa kwemihlanganisela emelana nemichiza yokhula sisiphumo sokudluliselwa kwesiziqalelo semfuza esinye okanye ngaphezulu nethathwe kwizityalo okanye kwizidalwa ezahluka-hlukileyo ukuze kuvele iziphumo ezingwenelekayo zokomelela kwizityalo zombona.

*Isakhono senkqubo yakho yokutshiza siya kuphenjelelwa ziimeko zobume obuyingqongileyo, izixa ezisetyenziswayo, imigaqo yokufaka isitshizi kunye nobuzaza kunye nobubanzi bokuhlasela kokhula olutshatyalaliswayo.*

Imihlanganisela yombona ephuhlisiweyo nemelanayo nemichiza eyahluka-hlukeneyo yokutshabalalisa ukhula yeyombona we-IMI nekwaziyo ukunyamezela imichiza ye-midazolinone ne-sulphonamide, kanti umbona weGR uphuhlise

imfuza ukuze uvumele ukufakwa kwe-glufosinate ngaphezulu uze umbona we-RR uvumele ukufakwa kohlobo lwe-glyphosate ngokungqaliswa emboneni okhulayo.

Umntu makacinge ngononophelo ngokuba ingaba imihlanganisela engomelelanga okanye eqhelekileyo iyifanele na inkqubo yakho yokutshabalalisa ukhula. Thelekisa ngeliso elibukhali uze wenze isigqibo ngokuba ingaba lukhona na ulondolozo lwemali lwethuba elide kwimbewu, imichiza, idizili nakwizigaba eziliqela ezenziwa kumjikelo wokulinywa kombona.

Abalimi abarhweba kancinane basenokuzibona ziphezulu kakhulu iindleko zokutshintshela ekuhlakuleni kancinane ngenxa yezixhobo zokutyala ezifanelekileyo abafanele ukuzithenga kunye neenxenyane zanamhla zezixhobo zokutshiza.

## Imichiza ekhoyo yokutshabalalisa ukhula emva kokuhluma emboneni

Yiba soloko ukhumbula ukuba akukho nkqubo enye yemichiza eyiyona ilungele zonke iimeko zokufama. Ukuxhomekeka okunganqunyanyiswayo kwinkqubo enye unyaka emva komnye kunokukhokelela kwiingxaki zokomelela kokhula ezinobuzaza. Kwiindawo ezithile ukhula seluphuhle ukumelana neqela lemichiza ye-triazine.

Isakhono senkqubo yakho yokutshiza siya kuphenjelelwa ziimeko zobume obuyingqongileyo, izixa ezisetyenziswayo, imigaqo yokufaka isitshizi kunye nobuzaza kunye nobubanzi bokuhlasela kokhula olutshatyalaliswayo.

Ziinxenye ezahluka-hlukileyo eziyi-110 obona buncinane zezithako zemichiza yokutshabalalisa ukhula ezisebenzayo nezisebenzisa umchiza omnye okanye umxube we-2,4 -D amine, i-nicosulfuron, i-atrazine, i-iodosulfuron, i-isoxaflutole, i-metolachlor, i-bromoxynil, i-acetochlor nezinye ezininzi. Olu ludwe lufutshane lubonisa ukuba umlimi ufanele ukuluchonga ukhula oluyingxaki yakhe ukuze kuphuhlise inkqubo eyiyona ilungileyo ekunye nomthengisi wemichiza nembewu yakhe kunye nabacebisi abafanelekileyo. Imixube ekhoyo ngamawaka, imixube eseyibekelelwe kunye neepakethi ezihambelana nayo zomgaqo wokuhlakula okuqhelekileyo okanye wezenzo zokuhlakula ngolondolozo.

Imichiza "yokutshisa" neyasemva kokuhluma esetyenziswayo ibulala ukhula ngokutshisa amagqabi; ukunqumamisa ukukhula kokhula, ukujija ukugoba nokuthi nxokotho kwamagqabi, ukuba mhlotshana kwesityalo nokutshabalalisa ukhula lwamagqabi abanzi kunye neentlobo zengca.



Qaphela ukuba umchiza ngamnye okanye umdibaniso wemichiza mawufakwe ngokwezikhokelo ezingqongqo apho ibakala lokukhula lezityalo zombona kunye nebakala lokukhula kokhula ziphicothwa ngengqalelo enkulu. Uhlobo lomhlaba nesiquqatho sodongwe olusemhlabeni luya kuphinda luchaphazele imichiza eyiyileyo esetyenziswayo.

Kwinkqubo yokuhlakula ngolondolozo, izixa zeentsalela zezityalo zexesha elidlulileyo ezisengaphezulu emhlabeni nazo ziya kwalatha isakhono senkqubo yokutshiza emva kokuhluma.

## Ukucingela imfuyo

Ukuba umsebenzi wakho wokufama uqhutywa ngamadlelo akufutshane emasimini alinyiweyo, qinisekisa ukuba izitshizi zingafikeleli apho kungafanelekanga khona phakathi kombona namadlelo kuba zisenokubangela ityhefu kwimfuyo. Umzekelo, ithuba lokurhoxisa neengcebiso malunga nomchiza osetyenziswa kakhulu ofana ne-glyphosate ziintsuku eziyi-50 kanti i-gramoxone yasemva kokuhluma efakwe emboneni ithi "mayingatyiwa impahla" kanti kwimeko yefula ithi "mayingatyiwa".

## Elokugqibela

Njengomlimi qaphela uhlobo lwemichiza efanele inkqubo yakho ethile yokulima uze uzame ukuyisebenzisa ngeyona ndlela ifanelekileyo ukuze ingxaki ilawuleke ngaphandle kokuchitha imali eninzi nangokukhumbula ukukhusela ubume obusingqongileyo ekusetyenzisweni okugqithisileyo kwemichiza ukwenzela izizukulwana zabalimi zexesha elizayo.

**Inqaku linikelwe ngumlimi okumhlala-phantsi.**

# IMIMANDLA YOKUTHE- NGISWA KOMBONA

## - umba ocela umngeni kwiingcaphephe nakubalimi



**Q**walasela ezi zihloko zilandelayo ezibhalwe kusasazo lweendaba ngo-2014:

- Kulindeleke ukuba uMzantsi Afrika ube nesona sivuno sikhulu sombona kwiminyaka eyi-33!
- Isivuno esikhulu sibangele ukwehla kwamaxabiso okutya kwelizwe okungundoqo kwiminyaka emithathu edlulileyo...
- Amaxabiso aphantsi asizondaba zilungele wonke umntu, ngakumbi abalimi abangazikhuphanga iikhontrakthi zokukhusela amaxabiso abo!
- Abalimi baseMzantsi Afrika bebefanele ukuzinika ixesha elithe chatha lokulawula amaxabiso ebebenokuwafumana ngezityalo zabo ngokulinganisela imveliso yabo.

Imveliso yombona eMzantsi Afrika yande kakhulu kwiminyaka elishumi edlulileyo kanti iZiko loMgaqo-nkqubo wokuTya nezolimo (*Bureau for Food and Agricultural Policy BFAP*) lithi lo mkhwa ubonakala ngathi uya kugquba kwiminyaka elandelayo embalwa.

Oku kuthetha ukuba umlimi wombona uphantsi koxinzelelo oluthe kratya lokuzikisa ingqondo ekubeni umbona ufanele ukuthengi-

swa njani, kuba kutheni, nini kwaye ndawoni ukusuka efama – kanti enyanisweni akukho mpendulo ilula! Ixabiso lombona liguqu-guquka kakhulu kwaye liyakwazi ukutshintsha-tshintsha ngokukhawuleza kwixesha leeveki – kanti maxa wambi liyatshintsha-tshintsha nangokusuka kusuku oluthile ukuya kolunye. Ukuthengisa umbona wakho ngumceli-mngeni, kodwa abalimi bafanele ukuyibek' esweni imikhwa yamaxabiso bade bafunde nendlela yokwenza izigqibo malunga nokuba lelipheli elona xesha lilungele ukuba bathengise – kanti naxa amaxabiso enokunyuka emva kokuba uthengisile, kubalulekile ukuzinika uxolo malunga nezizathu ezenze wathatha isigqibo sakho sokuthengisa ngelo xesha uthengise ngalo.

Isitshixo sokuya empumelelweni kukufunda yonke imihla nokusebenzisa ubuchopho beengcaphephe ezisebenza kwiindawo zentengiso mihla le. Umlimi ngamnye makasoloko enxibelelana nomthengisi wakhe. Asiyonyhweba anayo wonke umntu ongumlimi, kodwa enye imfihlelo yentengiso enempumelelo kukukhululeka ukuthengisa ngelo xesha obone ukuba lixesha elilungileyo – kungabi lixesha lesigqibo somnye umntu (umzekelo, umntu okuxhasa ngemali) sokuba ufanele ukuthengisa!

**“** *Isitshixo sokuya empumelelweni kukufunda yonke imihla nokusebenzisa ubuchopho beengcaphephe ezisebenza kwiindawo zentengiso mihla le.*

Eyona miba iphambili apho umbona esiwulimayo usetyenziswa khona yile: 1) ukutyiwa ngabantu; 2) ukondla izilwanyana ngawo; 3) ukwenza izivuthisi zendalo; 4) kuphinde kwenziwe isitatshi, esijikwa sibe zizinto ezininzi ezisetyenziswa ekhaya njengebhiya, isiraphu, ipolishi, iglu, i-inki, ipeyinti, iziqholo zomzimba kunye neasprini.

Inyaniso esijongene nayo kukwehla okufuna ingqalelo kwesixa sombona esisilelwa ukutyiwa ngabantu. Abasili abaninzi abancinane emaphandleni batsala nzima ngokuziphilisa ngenxa yokuba baya ngokwanda abalimi abakhetha ukuthengisa umbona wabo ngokusebenzisa amaqumrhu aziimbumba, ukuze bafumane ingeniso yemali esesandleni, endaweni yokugcina iingxowa ezifanele ukusilwa zemilinganiselo yenyanga nganye ebudeni bonyaka. Ngaphaya koko, imeko ekhoyo ngoku



## Kuchazwa irhafu zokuthenga amazweni angaphandle

Ngokubanzi irhafu yokuthenga ngaphandle isenokufakwa kuyo nayiphi imveliso engena elizweni lethu. Yimali ehlawulelwa ukuthenga ngaphandle okanye yirhafu efanele ukuhlawulwa ngumntu othenga ngaphandle ukuze afake impahla yangaphandle elizweni lakhe. Irhafu ixhomekeka kuhlobo lwemveliso nasekubeni urhulumente welo xesha unqwenela kangakanani ukuba kwayona loo mveliso ilinywe kweli lizwe. Kukholisa ukuba kubekho ukungqubana kwemidla okubangela iingxoxo-mpikiswano ezinzulu malunga nokusekwa kwerhafu. Umzekelo, abalimi beli lizwe abafuni mqukuqelo wombona ongena kweli lizwe noza kuthoba amaxabiso abo ngoko ke bakhuthaza ukuba irhafu zibe phezulu ukuze batyhafise ukuthengwa kombona kwamanye amazwe. Kodwa kwelinye icala, amafama eenkuku anqwenela ukuthenga owona mbona unexabiso eliphantsi asenokufuna irhafu eziphantsi zokuthenga ngaphandle ukuze akwazi ukuthenga owona mbona unexabiso eliphantsi. Irhafu yeli lizwe yokuthenga umbona ngaphandle yakhululeka ukususela ngo-2006.

(*status quo*) yeyokuba urhulumente ukukwayile ukusetyenziswa kombona xa kusenziwa izivuthisi zebio-ethanol ukuze ngoku kovalwe amathuba okuthengisa. Ngethamsanqa labalimi bombona, ishishini lokufuya lisawusebenzisa umbona wethu kanti ukondla izilwanyana ngombona nako kuyanda.

Abalimi bombona baseMzantsi Afrika babonwa ngokubanzi bengabanye babalimi

abaphezulu ehlabathini. Ngaphandle kweemeko zokulima ezinzima, sithe gqolo ngokuvuna ngaphezu kweetoni esinako ukuzitya. Umbona esiwutya ngonyaka umalunga nezigidi zeeetoni ezili-9 kodwa sivuna imveliso ephakathi kwezigidi zeetoni eziyi-12 ukuya kweziyi-14 kuxhomekeka kwixesha lonyaka.

Ngenxa yesi sizathu uMzantsi Afrika kufuneka usoloko ufumanisa imimandla onokuthengisa kuyo imveliso yawo kwamanye amazwe. Ukuba siyaqhuba ngokuba nombona esingawusebenzisiyo, sifanele ukulawulwa ngumthetho wendalo wolungelelaniso phakathi kwenkxaso-kunyenemfuno ukuze inkxaso egqithisileyo ibangele amaxabiso ombona aphantsi. Ngenxa yesi sizathu, abalimi kuya kusoloko kufuneka ukuba bekubek' esweni ukugqithiswa kombona wexabiso eliphantsi (okholisa ukuba ngowodidi oluphantsi) ekubeni uthengwe kwamanye amazwe. Basenokucela ukunyuswa kwerhafu yokuthenga amazweni angaphandle ukuze kukhuselwe imveliso yethu kumaxabiso ehlayo xa amanye amazwe enokutya okugqithiseleyo aze afumane indlela yokuthengisa eMzantsi Afrika. (Yiloo nto abalimi behlawula amaqumrhu ethu afana neGrain SA ukuba athathele ingqalelo kwaye asifunele abathengi.)

Ingxoxo-mpikiswano yokuba urhulumente makathengisele abantu bakhe ukutya okuthengekayo ichasene nengxoxo-mpikiswano yokuba ubukho bokutya okwaneleyo kwixesha elide bunokuqinisekiswa kuphela xa abalimi beli benokuwagcina amashishini abo eqhuba kakuhle kwimeko eguqu-guquka kangaka, neneentengiso ezinganiki zinzo. Ngokuqinisekileyo, ukuba kukho intlekele yenene malunga nokutya akuthandabuzeki ukuba loo mazwe awasayi kukhululeka ukuthengisa ukutya kwawo – ngoko ke kuya kubakho inkathazo enkulu ngokuphathalele kubukho bokutya okwaneleyo kwesizwe xa abalimi beli lizwe bengaxhotyiswanga ngempumelelo malunga nokulima ukutya okwanele ukuthengiswa kweli lizwe!

Uninzi lwabalimi bombona basa isityalo sabo kwizisele nakumashishini aziimbumba angawona

akufutshane. Apha iinkozo zamkelwa xa zome ngokwaneleyo naxa isampulu icocekile. Isivuno siyahlelwa size sigcinwe ngokhuseleko kwizisele ukuze sisuke apho ngokuthengiswa kweli lizwe okanye kwiindawo zentengiso kwamanye amazwe. Umlimi ufanele ukuqinisekisa ukuba isityalo sakhe somile xa esithuthela kwizisele kungenjalo uya kuhlawula enye imali yokomisa isityalo kwizomisi zeenkonzo njengoko umphathi wesisele engenakuzibeka esichengeni sokugcina umbona ofumileyo ngenxa yokuba unokungunda size eso sifo sinwenwele kuzo zonke izisele zakhe.

Kukwanjalo naxa isampulu icocekile. Abalimi kufuneka bawuqaphele umgangatho weenkonzo abazithumela kwizisele kungenjalo kuya kubakho iindleko ezongezelelweyo zokucoca ukutya okuzisiweyo.

Siya ngokuzifuna ngokuthe kratya iindawo zokuthengisa umbona wethu ehlabathini ngoko ke sifanele ukukuphaphamela ukulima iinkozo zodidi oluphezulu ukuze ezo ndawo sithengisa kuzo zizithande. Abalimi mabakwazi okufuneka kwiindawo zentengiso umzekelo, ufunwa kakhulu umbona ongaguqulwanga imfuza (*non-GM*) kanti ulwazi oluphathalele kule mfuno lungamkhuthaza umlimi obona ithuba lokuthengisa umbona ongowakhe, ukuba afumane amava amatsha malunga nale ndlela yokuthengisa. Abarhwebi bokutya okuziinkozo abajolise ekuthengiseni zona kunye nezinye iimveliso zolimo kutshintshiselwano lweentengiso (kwiJSE) nabo banendima esentloko kwintengiso enempumelelo yesityalo somntu. Le mo engqongene intengiso ikholisa ukungqaliswa kokuthile kwaye kuya kuxoxwa ngayo banzi kwinqaku lexesha elizayo malunga nalo mba. 🌱

**Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhali kwiPula Imvula. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha: [jenjonmat@gmail.com](mailto:jenjonmat@gmail.com).**

## Pula Imvula's Quote of the Month

*“Each of us must work for his own improvement and at the same time share a general responsibility for all humanity”:*

~ Marie Curie



# IMOZULU

## – phucula isakhono sakho ngokugcina iingxelo

**S**ibona qho kumabona-kude ngokunjalo sifunda kumaphepha-ndaba ukuba imozulu iphezu kwethu. Asinakuyiphikisa inyaniso yokuba siphila kumaxesha eemeko zemozulu eguqu-guquka nanjani. Nanjengangoku ndisabhala nje, nangona sisesiphakathini sehlobo mna ndingene phakathi kwedyasi enkulu ngokungathi kusemva kwemini yasebusika. Inguquko yemozulu yemihla ngemihla neyama-xesha onyaka inefuthe elikhulu kubalimi nakwezilimo ziphelele.

Sekufunyaniswe kwangaphambili ukuba abalimi baya kufanela ukulunga-lungisa imihla yokuqalisa ukutyala kwabo ukuze ilungelelane nemozulu eguqu-guqukayo. Nangona kunjalo, inyaniso yeyokuba kufuneka sigcine umsebenzi wethu wokufama uhambelana nemeko yemozulu esingqongileyo. Izimbo zemozulu zisoloko ziguqu-guquka, ngenxa yoko sifanele ukwenza ilinge lokuqonda ukuba kutheni iguqu-guquka kwaye kungani. Kumlimi eyona ndlela iphucukileyo yokugcina umkhondo wezi nguqu-nguquko kunyaka nonyaka kukugcina ingxelo eyiyeyakho yemozulu. Ngokwenza eli linge lincinane, sinako ukufumanisa izinto ezininzi eziluncedo kwiifama zethu.

### Indlela yokugcina iingxelo ezilungileyo

Iingxelo malunga nemozulu mazingabhalwa kuqweqwe olungasemva kwibhokisi yeesigarethi, kodwa maziginwe ngobunono ekhompuyutheni okanye encwadini efanelekileyo yokugcina iingxelo. Isizathu sokugcina iingxelo ngemozulu kukujonga emva kuzo nokuhlalutya imikhwa kunye nezimbo.

Ukuze ukwazi ukulinganisa imvula, luluvo olulungileyo ukuba neegeyiji ezimbalwa zemvula ezithe saa efama ukuze ufumanise umyinge ocacileyo wemvula oyifumanayo. Uya kumangaliswa yindlela eyahluka ngayo imilinganiselo kumganyana omfutshane. Qiniseka ukuba akukho nto ivale igeyiji enjengezakhiwo okanye imithi nokuthi igeyiji ibotshwe phezu kwepali ingabi sezantsi njengoko indawo evelileyo yepali iya kuthintela imvula. Yiba soloko ugcina iingxelo zemvula ngalo olo suku uzifumana ngalo ukuze ungalibali ukuzibhala. Imvula yenyanga nganye inako ukubhalwa kwigrafu ukuze kube lula ukugwalasela imikhwa nezimbo. Kanti kukwaluncedo kakhulu ukubhala imozulu engaqhelekanga efana nesichotho okanye ikhephu okanye ukubonakala kwezehlo ezingaqhelekanga ezifana neenkanyamba, izaqhwithi okanye izikhukula zendawo ethile.

*“Ngokuzibek’ esweni iingxelo zemozulu siyakwazi ukuzenza ziphucuke ngakumbi izicwangciso zemisebenzi yethu yokufama.”*

Imozulu oyifumana kwifama yakho isenokwahluka kakhulu kweyabamelwane bakho nangona ngokwezelizwe nisekummandla ofanayo wemozulu. Ummelwane wam ukholisa ukufumana iimilimitha zemvula ezinganeno ngezimbalwa kunezam yiloo nto ndikholelwa ekubeni lo mahluko mncinane ubangelwa kukwahluka kokuphakama kwendawo kunye nenduli enkulu kwifama yam endicinga ukuba

Location	JANUARY			FEBRUARY		
	Date	Temperature Min	Max	Rain	Temperature Min	Max
1						
2						
3						
4						
5						
6						
7						
8						
9						
10						

ibangela ukukhuhlana kwamafu ukuze ajike abe yimvula ethe kratya kancinane. Le yingcingane yam kuphela kodwa ngenxa yokuba ndizigcina iingxelo zam zemvula ndikwazile ukuhlalutya iinkcukacha nokuhlanganisela ezam iimbono.

Ngokuzibek’ esweni iingxelo zemozulu siyakwazi ukuzenza ziphucuke ngakumbi izicwangciso zemisebenzi yethu yokufama. Sinako ukumisela imihla yokutyala esibona ukuba ngokweengxelo zethu isenokuba lixesha elilungileyo lokutyala ngenxa yokufuma okwaneleyo. Ngokuqinisekileyo, imozulu ayikwazi ingenakuze ikwazi ukucingeleka kwaphela kwangexesha elingaphambili. Kodwa siya kuhlala sikwazi ukuba nofifi ngento enokwenzeka. Esi sakhono siluncedo kangangokuba thina balimi asifanelanga kuyekelela – ngoko ke qalisa ngencwadi yakho yeengxelo ngoku!

**Inqaku linikelwe nguGavin Mathews, oneMfundo yesiDanga kuLawulo loBume obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe thumela i-imeyili apha: [gavmat@gmail.com](mailto:gavmat@gmail.com).**



**UAnna Mutloane ebeye kwiimbasa zoSuku lweMibhiyozo kuOkthobha ngo-2014 waze wafumana isatifikethi sokungena kwiklabhu yeeToni ezili-1 000.**

## Ilizwi elilodwa lombulelo kwiGrain SA

Ndingumlimi ongumntu obhinqileyo kwisiphaluka saseLichtenburg kwiPhondo laseMntla Ntshona. Ndangena kobu budlelwane bamafama kumaxesha okulima anga-2011 ukuya ngo-2012 apho ndaqalisa ngeenkomo, ndincediswa lizibulo lam uMorapedi, kanti igama lenkampani yam yiPinnacle Agricultural Holdings. Ishishini liye lakhula, lisebenza kwindawo yokutyisa impahla eVallefontein apho sifumene khona imali eyinkunzi yokuqalisa ngokulima izityalo.

Ngexesha lokulima lango-2012 ukuya ngo-2013, siqeshe umhlaba odityanelweyo ongangehektare eziyi-340 kweyona lali yasemaphandleni yaseKaaltpan neyaseDrieheok. Eli xesha lokulima belibalele ngokunjalo nemveliso ibimbi kwaye silahlekelwe kakhulu.

Ngonyaka ka-2013 ukuya koka-2014 asikhange silahlekelwe lithemba, siqeshe ezinye ihektare eziyi-100 zomhlaba odityanelweyo salima ihektare eziyi-700 zikajongilanga kunye nehektare eziyi-400 zombona. Eli xesha lokulima belilihle kakhulu, imveliso ibibalisele ngoko ke imbasa yeGolide yeeToni eziyi-1 000. uMorapedi ebesoloko ekhona ukuze zonke izinto zikwazi ukwenzeka. Usebenze kakuhle nyana wam! Phofu besincediswa nangumninawa wakhe umotsamai.

Injongo yam apha kukuncoma iGrain SA ngenxaxheba yayo engummangaliso kumaxesha amabini okulima, isikhokele sade safika ekugqibeleni, ngeentlanganiso zamaqela oFundo-wzulu, apho uDu Toit (oteketiswa ngegama elithi Thabo kwesi siphaluka) ebe nendima ebaluleke kakhulu, esinika ulwazi neenkukacha kangangoko anako. Kube yintsikelelo enkulu ukutyunjelwa kukaThabo yiGrain SA kwesi sikhundla. Ixabiso lakhe lingummangaliso kwaye ulimele kakuhle igama leGrain SA. Sinqwenela ukuvuyisana noThabo kunye nonobhala wakhe uLebo ngokuzibophelela, ngothando lomsebenzi wabo nangokuzinikela abakubonisileyo kulo lonke ixesha lokulima.

Nisebenzile bantu, niliphethe kakuhle kakhulu igama leGrain SA.

Ngomhla we-31 kuDisemba ngo-2013, ndibize uThabo kusasa njengoko ndandinengxaki yesixhobo sam sokutyala. Uyazi? uThabo (uDu Toit) weza ngokukhawuleza emasimini am wandincedisa. Khawufan' ucinge ngoSuku oluphambi kweleNyibidyala! Ndingwenela ukumbulela kangangoko ngenkxaso yakhe ayibonakalisi-leyo, nayinika abanye abalimi kungendim kuphela. Usebenzile Thabo! Uphuma phambili.

KuMama uJane: emva kwale nkampani enempumbelelo kukho umfazi onamandla nonenkuthazo ogama linguMama uJane, sithanda ukumbulela kakhulu. Yibambe apho Mama! Sigcine sivutha isibane. Kubo bonke abasebenzi baseGrain SA ndibulela kakhulu ngawo wonke umzamo wabo kwezolimo, enyanisweni mkhulu umahluko eniwenza ebomini babantu nakweli lizwe lihle.

Kusihlalo, nakwisigqeba esilawulayo nakwinkampani yeGrain SA iphelele, sibamba ngazo zozibini izandla ngamalungiselelo etheko leembasa. Oku kubonisa ukuba ninomdla ongazenzisiyo kwimpumelelo yabo bonke abalimi baseMzantsi Afrika, abayintsika nabavelisi bokutya okungundoqa ehlabathini. Ulwamkelo, indawo yokuhlala, ukutya, zonke ezo zinto beziphuma emagqabini!

Ndinothulel' umnqwazi manene namanenekazi! Zanga zinganda iintsikelelo ebomini benu. Uphuma phambili Grain SA. Sigcine sivutha isibane.

### Nanikis

**Le leta yombulelo inikelwe nguMetsiatsile Anna Mutloane, (otekekiswa ngokuthi nguNanikis ngokubanzi). UAnna uhlala eLichtenburg, kwiphondo laseMntla Ntshona.**



**Iqela labahleli**

**GRAIN SA: BLOEMFONTEIN**  
Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324  
7 Collins Street, Arboretum  
Bloemfontein  
▶ 08600 47246 ◀  
▶ Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

**UMHLELI OYINTLOKO**  
**Jane McPherson**  
▶ 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

**UKUMISELWA KWABAHLELI**  
**Liana Stroebel**  
▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

**UYILO, UBUME NOSHICILELO**  
**Infoworks**  
▶ 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



**IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:**  
**isiXhosa,**  
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,  
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

**Inkqubo yeGrain SA  
yoPhuhliso lwabaLimi**

**ABAQUZELELI BOPHUHLISO**  
**Danie van den Berg**  
Free State (Bloemfontein)  
▶ 071 675 5497 ◀ danie@grainsa.co.za

**Johan Kriel**  
Free State (Ladybrand)  
▶ 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za  
▶ e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

**Jerry Mthombothi**  
Mpumalanga (Nelspruit)  
▶ 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za  
▶ e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

**Naas Gouws**  
Mpumalanga (Belfast)  
▶ 072 736 7219 ◀ naas@grainsa.co.za

**Jurie Mentz**  
KwaZulu-Natal (Vryheid)  
▶ 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za  
▶ e-Ofisini: 034 980 1455 ◀ Sydwell Nkosi

**Ian Househam**  
EMpuma-Koloni (Kokstad)  
▶ 078 791 1004 ◀ ian@grainsa.co.za  
▶ e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

**Lawrence Luthango**  
EMpuma-Koloni (Mthatha)  
▶ 076 074 0915 ◀ lawrence@grainsa.co.za  
▶ e-Ofisini: 047 531 0619 ◀ Cwayita Mpotyi

**Liana Stroebel**  
ENtshona-Koloni (Paarl)  
▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za  
▶ e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Melercia Kotze

**Du Toit van der Westhuizen**  
North West (Lichtenburg)  
▶ 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za  
▶ e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

**Vusi Ngesi**  
EMpuma-Koloni (Maclear)  
▶ 079 034 4843 ◀ vusi@grainsa.co.za  
▶ e-Ofisini: 012 816 8070 ◀ Sally Constable

# Ulawulo lwemingcipheko kwifama yakho

**O** kokuqala, yintoni umngcipheko? Umngcipheko sisehlo esinokwenzeka ebesingabonwanga kwangaphambili, esingacwangciselwanga, esingaqhelekanga kwindalo, esingafane senzeke, nesingalindelekanga esinokubakho nesinokubangela ilahleko yohlobo oluthile.

Ukhlaziya – khumbula njengomlimi uxakeke kukulima nokuthengisa iimveliso zolimo ngenjongo yokuzuzisa impumelelo ngokwasemalini.

Ngoko ke, ukufama nemingcipheko zizinto ezinxulumana njani? Xa uqalisa ukulima nayiphi imveliso elinywayo ujongana nemingcipheko enokubakho. Ngethuba lenkqubo yokulima zininzi izehlo ezinokwenzeka ezifana neemeko ezingafane zenzeke zemozulu (iimbalela, izikhukula, izichotho, neqabaka egqithiseleyo) nokwenzeka kwezinye iintlekele ezifana nemililo yasendle ngokunjalo nenyhikityha yezifo kunye nezidalwa ezitshabalalisa izityalo. Nkqu nakwinkqubo yokuthengisa, zikhona izehlo ezinokwenzeka ezinokuphazamisa inkqubo yokuthengisa kunye/okanye zibe nefuthe elibi kumaxabiso. Kanti usenokuba namava okungaziphathi kakuhle kwabasebenzi bakho obekungacingelekanga ngaphambili okufana noqhankqalazo.

Ukwenzeka kwezi zehlo kuya kubangela ukwehla kwengeniso kunye/okanye iingxaki ngokugcina imeko enokuthenjwa yemali esesandleni equkuqelayo, ngoko ke, oko kuchaphazela impumelelo yeshishini lakho ngokwasemalini. Yinyaniso yona eyokuba akukho shishini limbi lisesichengeni semingcipheko njengeshishini lokufama. Xa kunjalo, yimfuneko engenakuphikiswa ukulawula ishishini lakho lokufama ngendlela eyenza ukuba ifuthe elibi leziganeke ezingabonwanga ngaphambili ukuze noko zincitshiswe. Khawufane ucinge ukuba ubunokwenza ntoni xa bekunokubakho izikhukula, okanye umlilo wasendle, okanye inkitha yezidalwa ezitshabalalisa izityalo, naxa unokujongana nembalela kuze kufuneka ukuba wenze izicwangciso ngaphambi kwelo xesha. Ngokunjalo, yenza isicwangciso samanyathelo aphunyezwayo ukunciphisa ifuthe lemingcipheko.

Kweli nqaku masijolise ekulinyweni kwezityalo. Ndingalinciphisa njani ifuthe lemingcipheko naxa ndingenakukwazi ukuyilawula?

Okokuqala, sonke siyayazi intetho ethi: “Zenze kakuhle iziseko”. Enyanisweni, nokuba ulima ntoni, sebenza ngokuchaneke kakuhle kangangoko unako. Lungisa amasimi akho kakuhle, tyala kubunzulu obuchanekileyo

nangokwamanani ezityalo achanekileyo, lutshabalalise ngokufanelekileyo ukhula nezidalwa ezitshabalalisa izityalo kanti nembalela. Izityalo ezomeleleyo ngenxa yempilo entle zimelana phucukileyo kakhulu neemeko ezimbi.

Yenza nantoni onokuyenza ukuthoba amandla emingcipheko. Yenza amabala okunqanda umlilo ukuze ube nethuba lokulwa umlilo wase-ndle ongalindelekanga. Qwalasela imijelwana equkuqela amanzi neekhonto ukuze wethe umonakalo obangelwa zizikhukula eziqubulayo, kuqwalaselwe iindonga, ngokunjalo kuphambukiswe amanzi aqukuqela ezindleleni ukuze angangeni emasimini akho.

Naku okubalulekileyo ukuba kunako ukwenzeka – yahlukanisa ishishini lakho lokufama libe ngamashishini aliqela, kodwa ukhumbule ukusebenzisa izakhono zakho zokulawula. Iyantlukwano ithetha ukudityaniswa kwamashishini okufama angekho sichengeni semingcipheko efanayo. Yenza iyantlukwano eziquka izityalo zamathuba okukhula ahluka-hlukileyo nezingafani ncam ngobuthathaka bazo kwiimbalela. Yahlukanisa ngokulima ezinye iimveliso phantsi kwenkqubo yonkcenkchesho kunye/okanye ngokuncenkchesha okugqumathelayo. Ukongeza ngeshishini lemfuyo kuya kuba nefuthe elikhulu lokuthoba umngcipheko. Ngokuya esanda amashishini ahluka-hlukileyo iyacutheka nemingcipheko.

Ngokunjalo, mazingafani izicwangciso-cebo zakho zokuthengisa ukuze ukwazi ukumelana nemingcipheko emininzi yamaxabiso. Njengomthetho oqinisekisiweyo, zama ukuthengisa imveliso/isityalo ngasinye ngezi ndlela zintathu zahluka-hlukileyo – oku kungenzeka ngakumbi xa unokongeza ixabiso ngendlela ethile okanye nangenye kwiimveliso zakho zesiqhelo. Yaneliseka ngexabiso elihle eliqhelekileyo kunokujonga elona xabiso liphezulu uze ugqibele ngokufumana elona xabiso liphantsi.

Ngoko ke, ngokuphumeza imiba eyenzekayo ngokuchanekileyo – iinkqubo zokulima, imijelo yamanzi, iikhonto, amabala okunqanda umlilo – nangokwahlukanisa amashishini akho nokuthengiswa kwazo zonke iimveliso, unako ukulinciphisa kakhulu ifuthe elibi lemingcipheko. 🌧️

**Inqaku linikelwe nguMarius Greyling, umbhali kwiPula Imvula. Ngolwazi oluthle vetshe, thumela i-imeyili apha: mariusg@mcgacc.co.za.**